INkampani yoBugcisa obenziwayo yaKwaZulu-Natala
Yabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kwekaTshazimpuzi 2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zoveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162
Idilesi yeimeyili: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

I-PLAYHOUSE COMPANY

ISIMEMO SOKUFAKA ISINIKI-MAXABISO (ITHENDA) – Isalathisi PHC 39/2015:

UKULUNGISWA KWETUDOR ROOM YASEPLAYHOUSE COMPANY, 231 ANTON LEMBEDE STREET, DURBAN

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe ngokweCandelo lesi-3(1) loMthetho waMaziko eNkcubeko, 1988, elikhuthaza uBugcisa neNkcubeko KwaZulu-Natala.

Amaxwebhu esiniki-maxabiso ayafumaneka ukususela ngomhla wama-**29 kwekaCanzibe 2015** kule dilesi ethi 29 Acutt Street kwaye afumaneka ngomrhumo ongabuyiswayo wama-R350 omawuhlawulwe kuSudesh Harilal (umnxeba 9443)

Umhla wokuvalwa kokufakwa kweziniki-maxabiso ezizalisiweyo ngowama-**29 kweyeSilimela 2015 ngentsimbi ye-11 entloko**. Iziniki-maxabiso ezifakwe sele ligqithile ixesha azisayi kunikwa ngqwalasela. Iziniki-maxabiso ezifakwayo mazifakwe kwimvulophu evaliweyo zize zijoliswe kwiNgqonyela kule dilesi ikhankanywe apha ngasentla.

Intlanganiso yesiza ekunyanzelekileyo ukuba ibanjwe iza kuba ngomhla wesi-**5 kweyeSilimela 2015 ngentsimbi ye-10 kusasa** kule dilesi: 231 Anton Lembede Street, Durban nalapho abantu abafake iziniki-maxabiso baya kuthi baziqhelanise nemisebenzi efuna ukwenziwa.

Imisebenzi efuna ukwenziwa iquka, phakathi kweminye*:*

- Ukukhutshwa nokufakelwa ngokutsha kwemiqadi yeplanga ehombisileyo ye-Oregon Pine ukuze ifane nale ikhoyo
- Ukukhutshwa nokufakelwa ngokutsha kwe-American Oak kunye nomhombiso wodonga we-timber ukuze ufane nalo ukhoyo
- Ukukhutshwa kweethayile zesileyiti ezikhoyo, ukufakelwa ngokutsha kwawo onke ama-timber rafters, ama- purlins, ama- sprockets, njll kwakunye nokubuyiselwa kwakhona kweethayile zesileyiti ezisuka eTudor Room kwindawo eyiGrand Foyer.
- Ukukhutshwa nokufakelwa ngokutsha kwazo zonke iifreyim zeefestile zentsimbi eyomeleleyo ukuze zifane nezi zikhoyo
- Ukufakelwa ngokutsha kweesilingi kunye nentsimbi exhasileyo kwakunye negridi yamaplanga
- Ukubuyiselwa kwakhona kwazo zonke iinkonzo zombane nezezixhobo zolungiso-moya kunye nezixhobo ezifakelwayo
- Ukubuyiselwa kwakhona kwayo yonke inkqubo yesandi kunye neyokukhusela umlilo kuquka nolwazi-nzulu ngezandi

Ezinye izinto eziyimfuneko

- Kufuneka iikontrakta zibe nabasebenzi abavela kwiinkalo ezahlukeneyo ngokulinganayo

- IKontrakta kufuneka ibe nomsebenzi wokulungisa ontsokothileyo kunye namava nezixhobo zokufakela izinto ngobuchule
- Inqanaba leCIDB elinyanzelekileyo ubuncinane libe yi-5SN okanye i-5GB/PE.
- Isiqinisekiso seSANAS BEE sinyanzelekile ukuba sibe khona
- Isiqinisekiso sokuhlawula irhafu esisemthethweni nesingakhutshelwanga sinyanzelekile ukuba sibe khona
- IPlayhouse Company ayinyanzelekanga ukuba yamkele oyena mntu ufake isiniki-maxabiso esinexabiso eliphantsi.

*Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane no*Ms. K Khan kule nombolo yomnxeba: 031 – 369 9425 okanye kule dilesi: kayk@playhousecompany.com